

ZITHOBENI



[UMzalwana uNeville wazisa uMzalwana uBranham—Mhl.]
Owu, Mzalwana, kufanele uvume ukuba oku kokothusayo. Ndiyathanda nje ukwenza isaziso ngoko, “Mayifundisiswe apha: ngam ngokucinga into enjengaleya.” [UMzalwana uBranham nebandla bayahleka.]

² Ngokuqinisekileyo ndiyakuvuyela ukuba lapha maxa onke. Uhambo lwethu lusondela ekupheleni ngoku, lwethu sihleli kunye nani. Kuba, sinomnye umhlangano ozayo kwamsinya eChicago, kwaye ndifanele ndibuyisele u—usapho e-Arizona kwamsinyane. Kwaye zange babeneholide zabo zohlobo okwakalokunje, kwaye ndifanele ndibase kukhweliso oluncinci ndaweni ithile, kwiintsuku ezimbalwa. Kuze emva koko mhlawumbi andiyi kubakho olunye, usuku olunye, enye yeeCawa, kuze emva kweveki elandelayo ndiyaqalisa eChicago. Emva koko ndifanele ndibuyele kanye ngqo, ngoMvulo, ndibase e-Arizona.

³ Kwaye ngoku ndikuthiyile ukuza kusasa ngeCawa, ukuthatha ela xesha ngelixa wonke ubani ehlayeyekile. Ubusuku bangeCawa, nisoloko nidiniwe kwaye nidubekile, ebusuku ngeCawa; uze emva koko unikezele inkonzo yasebusuku ngeCawa kumalusi wethu, oko lu—oko luhlobo olubi. Kodwa ndikuthiyile ukwenza oko, kwaye futhi ngeCawa ebusuku ndiyakukwenza, ebusuku ngeCawa, ukuba nenkonzo yasebusuku ngeCawa, emva koko ndibagcine abantu ithuba elide. Abaninzi babo beza apha besuka kude ezantsi emazantsi na—nakude emantla, kwaye bafanele, owu, ngamanye amaxesha baqhuba imini nobusuku, nje ukufika apha ukwenzela inkonzo enye, emva koko bajike. Kwaye eso sisizathu endizama ukuyenza kusasa ngeCawa, xa ndisiza, ukubanika ithuba lokujika.

⁴ Abathembekileyo, abanyanisekileyo abaphambukeli, indlela endibaxabise ngayo! Baqhuba kumaqhwa, kwimvula, nayo yonke enye into, ukuze bazokufika apha, ukunqumleza ilizwe, amakhulu eemayile, ukwenzela nje inkonzo enye encinci. Ke indenza ndizive ndinombulelo kuThixo, nakwaba bantu, ngeyabo enkulu—ngeyabo enkulu inkxaso, koko ndizama ukukuxela, ebantwini, ukuba yiNyaniso.

⁵ Ngoku, ndiyakholwa ukuba lena yiNyaniso, ndi... ngentliziyo yam yonke. Ukuba bekukho nantoni eyahlukileyo, endicinga ukuba ibingcono, ngokuqinisekileyo be—bendiyakuya kuqala... Andiyi kucela nabani aye naphina apho ndingenakuya kuqala, ukuya kufumanisa ukuba ilungile okanye hayi. Andinakucela nabani e—enze inyathelo, kuThixo, endingakhange ndibe sendilwenzile kwaye ndisazi ukuba

yiNyaniso. Kuqala, kufanele ibe liLizwi leNkosi, emva koko kufanele ndingene ukuze ndibone ukuba ilungile. Kwaye ukuba ilungile, ngoko ndingathi, “Yiza nyukela *ngale* ndlela.” Yabona, kukwenza indlela.

⁶ Kwaye, ngoku, ndicinga nawuphi umlungiseleli ufanele enze oko, kufanele aye kuqala, ngokwakhe. Ufanele abe yinkokheli, inkokheli yabantu, hayi ukuthetha into ethile engasayi kubeka isandla sakhe kuyo, ngokwakhe. Kufanele sihambe sibe ngabakhokeli babantu.

⁷ Kule ntsasa, ndibe nokungaqhelekanga kakhulu, amava asisimanga apha epulpitini. Kwaye oko, bekumalunga nendawo yokugqibela yoMyalezo, bidingajongiselanga ukuyitsho ngala ndlela. Yabona? Kodwa ndiyaqikelela sele itshiwo, kwaye akukho nto endinokuyenza malunga nayo ngoku. Kodwa ngoko ndifike ekhaya, ndaya kufundisisa malunga nayo.

⁸ Kwaye ndaba nokuhlangana kwakhona kosapho, kwabantwawethu kunye nabo. Umama umkile. Kwaye sasiqhele ukuhlangana endlwini yakhe, kwaye ngoku siyenyuka siye kwekaDelores. Sibe nexesha elimnandi phezulu phaya ngale mvakwemini, sithetha, kwaye noTeddy ebekhona. Sicule iingoma ezithile, sadlala amaculo athile nezinto.

⁹ Ngoku ndiyacinga, mhlawumbi kwiCawa ezayo kusasa, ukuba iNkosi ithandile, ukuba uMzalwana uNeville akakhathali, ngoku ndingathanda ukuba nenkonzo yempiliso, nje ukunikela kwimpiliso kuphela. Kwaye ndi—kwaye ndiyacinga, ngoMyalezo ngale ntsasa, indlela iNkosi ekhangeleke indikhokela ukuba ndiWuzise, ndiWukhuphe, kufanele ngahlobo luthile kusikhuthaze kancinci, uyabona, si—si—sikholwe ngenene. Si—sidlalile, kwaye si—sicinga izinto ezahlukeneyo kwaye sithethe malunga nazo. Kodwa ngoku xa kusiza kumanqam, oko yinto eyahlukileyo. Nje nge . . .

¹⁰ Omnye othile wayendixelela, ndiyakholwa inbingumntakwethu wam emva phaya, ebendixelela ibali e—elincinci namhlanje, malunga nendoda, u—umlungiseleli kunye nowakhe . . . abanye babo, omnye webandla lakhe, wathi angahamba kwisiqobo.

Wathi, “Malusi, ngokuqinisekileyo, iNkosi inawe.”

Wathi, “Ndingabeleka isiqobo emqolweni wam, xa ndinqumla.”

“Ngokuqinisekileyo, iNkosi inawe.” Kwaye wahamba wayakuyenza.

¹¹ Wathi, “Ndingabeleka isiqobo, kunye nekiriva ndawela, ngaxesha linye.”

¹² “Ngokuqinisekileyo, Malusi, iNkosi inawe. Ukhohlo lwakho lungenza nantoni.”

¹³ Wathi, “Ndingabeka wena ekiriveni, ndibeleke isiqobo.”

Wathi, “Ngoku khawume umzuzu!” Yabona?

¹⁴ Kwahlukile xa ubandakanywa kuyo, nawe ngokwakho. Yabona? Ngoku, okuya, ilunge ngamandla kuthi ukutsho apha, “Amen.” Ilunge ngamandla kuthi ukuthi, “Ndiyakholwa okuya yinyaniso.” Kodwa ngoko yibeke ekwenzeni. Kufuneka uyibeke ekwenzeni.

¹⁵ Njengoko bendizise lantetho ngale ntsasa, abantu babelele esithunzini sikaPetros, zange bacele kwa mthandazo.

¹⁶ Ndiye ndaya kumakhaya amaninzi, ndibukele oku. Ndithandaze phambi kokuba ndihambe, ndize nje ndiye phaya kunye nentambiso, kwaye akwafuneka nokuba ndingabathandazeli nokubathandazela abantu, ndaze ndiphume kwaye baphilisiwe. Yabona? Yabona? Injalo. Ndiyibonile isenziwa amatyeli amaninzi! Yabona? Kufanele ube nendawo yokubeka ukholo lwakho. Kufanele uyikholwe. Kwaye ndiyakholwa okokuba iyure iyasondela, kwaye ngoku yiyo.

¹⁷ Kwaye ndiyaqonda ukuba lena asiyokonzo yeteyiphu. Bangazenzela eyabo encinci, kodwa lena asiyoteyiphu eyakuya esizweni sonke. I . . .

¹⁸ Oku bendithetha ngako ngale ntsasa kusinyusele kanye ku—kuvutho-ndaba, kwaye eso sisizathu endizakuthatha iCawa elandelayo ukwenzela i—i—inkonzo yempiliso. Ngokuba, kusukela ndisekhaya, ndinixelele malunga nemibono nokwenzekileyo, nayo yonke into, ndaze ndakuzisa kanye apha, kutheni ndizenzile ezi zinto. Kwaye ngoko ntsasa, ndiyisiza kanye apha ngoku kolwa Dontso lokugqibela.

¹⁹ Ngoku lixesha lam lokuzingewalisa kuThixo; ixesha likaThixo lokuthetha nam. Yabona, kufuneka nje ndi—ndi—ndibe notshintsho nje oluncinci ebomini bam. Hayi kuba ndicinga ukuba ndingcolile, kodwa ndi—ndifuna ukuziva ndisondele ngakumbi ebantwini. Yabona? Abantu endizame ukubaxelela leNyaniso yeVangeli, kwaye bayinikela umhlana Yona, baze bemka baYihleka.

²⁰ Ngoku, kum, oko kukhangeleka njengesithuko. Andikhathali, kum; kodwa kwizinto ebendizitsho, YiNyaniso ukuzama ukubanceda. Njengokutyhiliza umkhombe, uze uthi, “Nanku, nanku nguwo, wela! Nanku, phuma kulomsinga, uzakufa! U, uzakutshabalala apho!” Kwaye basuke bakuhleke, baze bemke. Kulungile, kum, ivakala ngathi, ukuba bayemka, akukho nto yimbi endingayenzayo malunga nayo, yabona, oko ndingakwenza.

²¹ Kodwa ndifuna ukuhla ngonxweme ngoku ndibacenge, “Buyani!” Yabona, kufuneka ndibe nala mvakalelo, yabona, kuba ndiyazi kukho umntu othile khona phaya ongekangeni. Kwaye ndi—ndizakuloba de . . . Wathi, ide intlanzi yokugqibela ibanjiswe. Ndi—ndifuna ukwenza oko.

²² Ngoku, kwaye ngoku, ukuze ndikwenze oku, ndilindele into ethile yenzeke emhlanganweni womthandazo. Into ethile... Kwaye abaninzi benu bayawukhumbula umbono wo—woDontso lokugqibela, olwaDontso Lwesithathu, gxebe. Niyakhumbula, kwakukho into ethile eyenzekayo kanye phambi kokuya: ndandikubonile okwakuKhanya kusiza kwaye kusihlela kulandawo, kwaza kwathi, “Ndiyakuhlangana nawe phaya.” Ngoku ndijonge into ethile yenzeke.

²³ Apha kwiminyaka eyagqithayo, kwakuqhele ukuba iinkonzo nolacalulo zindenze ndatyhafa kakhulu ndide ndigxadazele. Abaninzi benu bayakukhumbula oko. Nje ndifike kwindawo endiyakuthi ndime kuyo kuyo kwaye bendiyakuba noJack Moore kwenye ingalo, noMzalwana uBrown kwenye, bandihlise bendinyusa esitratweni, malunga neyure emva kwenkonzo. Kwaye nje mna, kwenzeka, ndizama ukucinga kuphi—kuphi apho bendikhoyo kwaye bekusenzeka ntoni. Emva koko, ubusuku bonke ndilele phaya ndicinga ngayo, ndinesingqala nayo yonke into engenye, ndimangala kutheni bengayamkelanga iNkosi uYesu.

²⁴ Ngoko Wandixelela umbono, “Ngelinye ixesha uyakudibana nenenekazi eliyakuza kuwe, linxibe isuti entsundu, kwaye liyakube lifunqule usana ngengubo, kwaye ukusukela ngelo xesha, uyakuba namandla okumelana nokomelela.” Kulungile, ndanixelela konke okuya. EChicago yenzekile, ngoba busuku xa inenekazi elincinci lomRhabe, xa umalusi walo walithumela ezantsi phaya nosana.

²⁵ Kwaye ndiyakholwa yayingumntakwabo, okanye omnye wabo, waye e—engugqirha. Wathi, “Akukho themba ngosana ngaphandle uSomandla uThixo amchukumise.” Wahamba...

²⁶ Waya kuxelela umalusi wakhe. Umalusi wakhe wathi, “Andi—andifanelekanga,” wathi, “u—ukwenza ngalempiliso iNgcwele, ngokuba andi...andinalo nje ngaphakathi kwam, ukholo oluthabatha lona ukuyenza.” Ngoku, okuya, kukunyaniseka malunga nayo. Yabona? Wathi, “Andinalo nje kum.” Wathi, “Kodwa ndandikomnye wemihlangano kaMzalwana uBranham, kwaye ndiyakukucebisa uthathe usana ulise kuMzalwana uBranham.” Kwaye ugqirha wayeluncamile, kwaye lwaluzakufa.

²⁷ Kwaye inenekazi elincinci lwangena phaya apho ndandinohlobo lwe—lwencinci inkonzo ukwenzela bona abantwana abancinci bamaKatolika abatshaya, kwesasikolo phezulu phaya, niyazi. Niyakhumbula xa yenzeka. Sasinalankozo, kwaye ukuhla ngeqonga kweza elanenekazi lincinci linxibe isuti entsundu. Umfazi wam kunye nabo babehleli phaya, ndaza ndathi...ndajika ndajonga, ndabhekabheka, ukuze ndibona ukuba babemile phaya. Kwaye kwenzeka njalo, ukuba nje kanye phambi kokuba ndinyuke,

ndiyakholwa uBilly Paul kunye nabo babethetha, okanye umfazi okanye abanye babo, kwinenekazi elinosana oluncinci. Kwaye inenekazi lenyukela eqongeni, waza uMoya oyiNgcwele wayityhila yonke into, waluphilisa usana phaya.

²⁸ Ndemka, kwaye sukela ngoko andidinwa. Yabona, ayindikhathazi, kwaye ndi—ndiyaqhubeka nje.

²⁹ Ngoku ndijonge into ethile yenzeke, kwaye kuqale olwaDontso Lwesithathu endaweni. Yabona? Kwaye mhlawumbi kwinkonzo yempiliso yeCawa elandelayo kusasa, mhlawumbi iyakuzisa okuya. Andazi.

³⁰ Ndinga, okwethu emasikwenze, kukuxelela abantu benu, fumanani abantu abagulayo. Ngoku, ukwenzela inkonzo yempiliso, kufanele sinikezele kubantu abagulayo. Fumana abantu bakho abagulayo, uze ubazise apha kwangethuba kusasa kwiCawa elandelayo, yithi malunga neyesibhozo okanye icala leyesibhozo, kwaye siyakubavumela babanike ikhadi lokuthandazela njengoko bengena ngesango, nangayiphi na indlela abayenza ngayo. Kwaye emva koko siyakuba nomgca wokuthandazela size sithandazele abagulayo, kwaye sibone nje oko uMoya oyiNgcwele ayakukwenza.

³¹ Ndiyakholwa Uyakwenza izimanga ukuba nje siyakuMkholelwa, yabona. Kodwa kufuneka siMkholelwe ngako oko ngoku, ngentliziyo yethu yonke. Kwaye ndiyacinga ukuba iyure enkulu ifikile yokuba xa uThixo, kangangokuba besithetha ngale ntsasa, usibonise okungako, kwaye wasizisa kwethile...nje phezulu endaweni. Nje ukutyhala ugqithise ngaphaya kwala nduli incinci, kwaye kuko konke okudingayo, emva koko imke.Yabona, u—uhambo nje ngokuba belunjalo, into ekwanye, kunye nocalulo, into ekwanye ngokobuprofeti, ukuqaphela.

³² Ndandimi eCalgary...Ndicela uxolo, yayisisixeko sikakumkanikazi, ezantsi eRegina, eRegina. Kwaye u-Ern Baxter wayemi phaya, kunye negquba lethu. Kwaye iNkosi yayindixelele, kanye apha eqongeni, “Iyakwenzeka, uyakwazi nkqu imfihlelo yentliziyo yabo.” Kwaye oko kunjalo. Kwaye zange ndicinge ngokuya ngolwa hlobo. Ndaya eqongeni ngobuya busuku, kunye no-Ern, ndaza nje ndaqalisa ukuthandazela abagulayo. Kwaye naku kusiza indoda, kwabekwa nje bonke ubomi bayo; ityeli lokuqala eyakhe yenzeka nje ngolwahlobo, ngesiqophe, kwinkonzo yempiliso. Ndaza emva koko ndajonga ngaphaya kwisihlwele, kwaye naku Iqalisa ukuhla phezu kwesihlwele nezinto. Owu, xa sifika kwelinye icala! Isiqingatha asikabaliswa, sezinto, zokuqatshelwa, nokubona izinto ebomini babantu. Anditsho kwanto malunga nayo. Ndiyayiyeka nje, yabona, ngaphandle kokuba ndinyanzelisekile ukutsho into.

³³ Kwaye ngoku ndijonge oku kulandelayo kuqalise ngolwahlobo. Yabona, uThixo, ngendlela Yakhe Yena, ixesha

Lakhe Yena elizimeleyo, into yokuqala. Kwaye iyaku—iyakuba yenye into eyakuba—eyakuba kude ngaphaya nakwenye yezi zimbini zingezinye. Yabona? Kwaye ndijonge oko kwenzeka.

³⁴ Kwaye mhlawumbi, ndiye ndacinga, ukuba ndibenenkonzo encinci yempiliso mhlawumbi kwiCawa elandelayo. Ngoko iCawa elandelayo mhlawumbi ndiyakuba kude kunye nabantwana kunye nabo, kuba kufanele babuyele baze baye esikolweni. Kwaye emva koko kwiCawa elandelayo, mna, kakade, ndiphezulu eChicago, kumhlangano phezulu phaya. Kwaye emva emva koko ndibuye kuMvulo olandelayo, ukwenzela ukuhamba ngoLwesibini ukuya—ukuya e-Arizona, ukwenzela abantwana babuyele esikolweni.

³⁵ Kuhle, ufumene ntoni, malusi? [UMzalwana uNeville uthi, “Kuhle, ndifumene into ethile engaqhelekanga kakhulu.”—Mhl.] Kuhle, oko kulunge kakhulu, ngoku sifuna ukuva malunga nayo.

³⁶ Ke ngoku i—iNkosi inisikelele nonke, ngenene, ngokulungileyo ngenene. Kwaye ndi—ndithemba ukunibona apha kwiCawa elandelayo. Nangobusuku bangoLwesithathu...

³⁷ Kwaye phulaphula. Ungalibali lamabandla mancinci, njengoMzalwana uRuddell, uMzalwana uJackson, uMzalwana uParnell, kunye nabo bonke abo bazalwana bancinci abatsala nzima phandle phaya, yabona. Kwaye bavakalelwa ngathi silibandla elingudade wabo—wabo—wabo apha, uyabona. Ngahlobo luthile siliqela elingumama omncinci kubo. Kulapho bazalwa khona, khona apha, abelusi nanjalo njalo.

³⁸ Kwaye lo mfo mncinci emva apha, umzalwana, ndadibana naye ngobunye ubusuku ngaphaya, u-Allen, omncinci uMzalwana u-Allen. Ndiyathemba uMzalwana uCollins apha uyakudibana noMzalwana u-Allen, ukuba akamazi. Bobabini ngabalungiseleli abangamaWisile, kwaye ba—babone iNyaniso yeLizwi.

³⁹ Ntoleyo, u—umbutho webandla lamaWisile, eliligquba elilungileyo labantu kwela bandla lamaWisile. Ungaze ucinge ukuba abanjalo. Banjalo. Baligquba elilungileyo labantu kwela bandla lamaKatolika. Baligquba elilungile kwibandla lamaRhabe. Kwaye kuzo zonke eza ndawo phaya, ngamadoda nabafazi abalindele ukubona okwa Kukhanya kudanyazela endleleni yabo. Qhubeka nje wena udanyazisa uKukhanya, ngokuthobeka, ubumnandi. Masikhule sonke ngokusondela kuThixo, ngokuzithoba. Yabona?

⁴⁰ Ningalibali, lo mnquba uyakuphulukana namandla awo. Khumbulani ukuba lona kokujongiswe kuwo apho uSathana anawo wonke umpu esihogweni oqeqeshelwe lona. Uyakubangela umntu omnye enze into enxaxhileyo koko omnye akucingayo. Uyakwenza oko. Ukulonto. Lowo ngumsebenzi wakhe, ukuba unokufumana umntu othile atsho into, umntu

othile athethe malunga nomnye, athi, “Kuhle, phulaphula, ubusazi *uZbani-bani* akwenzileyo?” Ungamameli lonto. Ungamameli lonto, konke konke. Lowo ngumtyholi. Yabona, nguSathana. Ungayikholelwa.

⁴¹ Ukuba kukho nantoni othile ayenzileyo ingalunganga, bathandazele. Kwaye ungathandazi ngendlela yokuzithandela, uthi, “Ndiyazi ngumsebenzi wam, kufanele ndithandaze ngalamzalwana.” Yithabathele entliziyweni yakho, ezantsi ngenene, ngala dade. Kwaye uthethe ubengolungileyo kakhulu, kwaye into yokuqala oyaziyo, ubafumana kanye bebuyele enkonzweni kwakhona. Yabona? Kuba, kakade, sibhekisele ngasekutshoneni kwelanga.

⁴² INkosi uYesu iyakuza ngenye yezi mini. Kwaye, uyazi, ndicinga iyakuba sesona siqophe nobumnandi ka—kakhulu, kwaye kuyakubakho ikhulu lepe- . . . ikhulu lekhulu lepesenti lehlabathi lonke aliyikwazi tu xa olwa Xwilo lusenzeka. Liyakumka nje ngokuthuleyo kakhulu okokuba kungabikho bani waziyo malunga nalo. Yabona?

⁴³ Kwaye kuyakubakho, kakade, iqela elincinci liyakuthi, “Kuhle, ngoku, *uZbani-bani*?”

⁴⁴ “Owu, bathi kukho igquba lababaxi ngaphaya, lithi iqela limkile lisuka ngaphaya, kwaye la . . . Oko akunjalo. Baphumile nje ukuya ndaweni ithile. Sibenalo olwabaxo, yabona.”

⁴⁵ “Kuhle, bathi lamnquba mncinci, endaweni ebizwa Jeffersonville, kwakukho abaninzi bamalungu abo anyamaleleleyo.”

⁴⁶ Yabona, bayidlalile nje lonto. Bayakuthi, “Owu, akukho nto kokuya, uyabona,” ngolwahlobo, kwaye Liyakugqitha kwaye abayi kuyazi.

⁴⁷ Ekunqumlezeni isizwe, kuyakuza, abo bafele kuKristu bayakuvuka kuqala. UXwilo luyakwenzeka, iBandla liyakuthatyathelwa eKhaya. Kuze emva koko iMbandezelo ingene, kwaye, owu, bethu, asifuni kuba lapha ngela xesha. Andifuni kuba lapha kwiMbandezelo. Hayi. Thixo sukuvumela namnye wethu ongakhe abe lapha ngela xesha. Ngokuba, “lowo unyhukunyhuku usenyhukunyhuku; lowo ungewele usengewele; lowo ulilungisa uselilungisa.” Akukho . . . IMvana izile kunye neNcwadi Yayo yeNtlangulo, kwaye uMtsakazi uthatyathiwe. Abo baYalileyo bafanele baye kwixesha leMbandezelo, zombini amaJuda neeNtlanga. Elinjani ixesha leMbandezelo! Andikufuni oko.

⁴⁸ “Nkosi, ndingwalise ngoku.” Leyo yimfundiso elungileyo yobuNazarina, ayinjanlo? [UMzalwana uNeville uthi, “Amen.”—Mhl.] Kwaye yinyani, kanjalo. Yinyani. Injalo lonto. “Ndigcwalise ngoku ngoMoya wakho oyiNgcwele, Nkosi. Khupha lonke ihlabathi kum ngoku, Nkosi. Sukusivumela—sukusivumela sibe . . .”

49 Njengomdala umzalwana ontsundu wathi, “Mhlekezi, ndinalo itikiti lam esandleni. Sele liinqomfiwe. Xa ndifika ezantsi emlanjeni, ngala ntsasa, andifuni ngxaki.”

50 Ke, oko kulungile, a—andifuni ngxaki. Bamba itikiti lakho esandleni sakho, kuba siyawelela. Cinga nje ngayo, ixesha elibalulekileyo lentlawulelo lifikile.

51 Kwaye ngoku enye into. Mzalwana, ngubani igama lakhe, phezulu apha e-Utica? Ndinga uMzalwana uGraham, kunye nomnye umzalwana phaya owalusayo phaya. UMzalwana uShanks okanye into enjengaleyo, okanye uSink? [UMzalwana uNeville uthi, “Mzalwana Snelling.”—Mhl.] UMzalwana Snelling ngumalusi, yonke into. UMzalwana uSnelling ngumalusi phezulu e-Utica ngoku. Ndinga umthandazo wabo ungo... [“Lwesine ebusuku.”] NgoLwesine ebusuku. Ngoku, niyazi, iyakuba yelunge kakhulu ukuba singanyebelezela phaya ngoLwesine ebusuku size sibonise abo bafo obuncinci ubudlelwane. Yabona? Kwaye xa uMzalwana uJackson, ngamaxesha abanezakhe, ukuba singaba neqela elincinci lethu lihlangane liye.

52 Qhubekani nje nithandaza, qhubekani nisomba! Ehe, sanukuyeka. Kanye nje xa u-Eliya wabaxelela, wathi, “Yombani imingxunya khona phaya!”

Xa nifika ezantsi, ubetha inkonxa endala yetoti, uthi, “Ndidiniwe kakhulu”? Yilahlele ngaphandle ecaleni uze uqhubeka usomba. Yabona? Qhubekani nje nisomba, kuba kufuneka sombe. Kufanele nje sombe, yilonto kuphela. Kuba, ukuba u—ukuba ulindele ukuphosa iMbandezelo, kungcono uqalise ukumba.

53 Kwaye ngoku, okokwam, ndishumayela kum phaya. Ndizakuqalisa ukwemba nzulu kunokuba ndakhe demba. Ngokuba, ndivakalelwa njalo, kwisizwe nasehlabathini jikelele, okokuba olulungiselelo luyakuthi kwakhona, njengoko lusaziwa ngoku kwindawo yonke kwihlabathi lonke. Kufuneka ndi—ndihambe kwakhona.

54 Umfazi uthe kum. . . Ngenye intsasa, ndathi, “Ndifuna wena uhambe nam xa ndisimka. Ndizakumka malunga noJanywari, iNkosi ithandle. Ndifuna ukuthatha utyelelo lwehlabathi lonke, yonke indlela ukujikelela; ndibuye ndize mhlawumbi ndibe neenkonzelo e-United States, ngaxesha lithile kwihlobo elizayo.”

Waza wathi, “Ndimdala kakhulu ukuhamba.”

55 “Kuhle,” ndathi, “Ndihambile xa nda...malunga nohambo lwam lokugqibela phesheya kweelandle, malunga nesibhozo seminyaka eyagqithayo, kwaye ndiziva ndikwisimo esingcono ngoku kunokuba ndandinjalo kwiminyaka esibhozo eyagqithayo, uyazi. Yabona? Ndazi ngakumbi ngalo ngoku.”

56 Kwaye ngoko sifika emxholweni, “Ukuba iNkosi ithe, ‘Ndizakunika amashumi amabini anesihlanu eminyaka. Awuzukuphelelwe ngamandla. Uyakubanako ukuhamba, Ndizakunika amashumi amabini anesihlanu eminyaka emhlabeni,’ ungathabatha ukusuka—ukusuka ekuzalweni ukuya kumashumi amabini anesihlanu, okanye ukusuka kumashumi amabini anesihlanu ukuya kumashumi amahlanu, amashumi amahlanu ukuya kumashumi asixhenxe anesihlanu, okanye amashumi asixhenxe anesihlanu ukuya ekhulwini?”

57 Ngoku, nawuphi umntu onokunikwa naliphi ixesha emhlabeni, ngokuqinisekileyo uyakweuza eyona nto ibubutyhuthutyuthu ukuba akalichithi elaxesha ekukhonzeni uThixo. Andikhathali wenzani.

58 Ngoku, ukuba uzakophuka intliziyo ngabafazi, okanye njalo njalo, kungcono uthathe laminyaka yobutsha, lamashumi amabini anesihlanu okuqala. Yabona?

59 Ukuba uzakuba ngumchweli, umkhandi weemoto, okanye into ethile, kungcono uthathe awesibini amashumi amabini anesihlanu. Yabona?

60 Emva koko ndandicinga malunga, “Malunga nantoni nam? Ndiyakuthatha phi?” Ndiyakuthatha kumashumi asixhenxe anesihlanu ukuya ekhulwini. Ndiyakube ndihlakaniphe ngakumbi, ndilumke ngakumbi. Ndiyakuba ngozinzileyo kakhulu. Ndiyakwazi ngakumbi ngendikwenzayo. Ndilishumi, isibhozo okanye ishumi, leminyaka ubudala kunexesha eligqithileyo ndandiphesheya kweelwandle. Andiyi kuxhuma ngathi ndibulala iinyoka. Ndiyakwazi ngakumbi malunga nayo, yabona. Ndiyazi kanjani.

61 Inje ngenja yecoon isilwa necoon, yabona. Niyazi malunga yokuyimbamba. Akutsibeli phaya; ikukrwempe. Yabona, yazi amaqhinga ayo uqaphele ekwenzayo. Kwaye sifunda lukhulu malunga notshaba. Ke kufuneka sifumane onke amacebo alo, nendlela elivela ngayo, kwanento eliyenzayo, kwaye sifunde izithonga zalo, emva koko uqeqeshelwe ukuya kulo, yabona.

62 “Ke ndiyakholwa ngoku,” ndamxelela umfazi wam, “Ndiyakholwa ndikwisimo esingcono ngoku kunokuba ndandinjalo xa ndandinamashumi amane eminyaka ubudala, kwaye ndaya ngaphesheya.” Yabona, ndinamashumi amahlanu anesine. Kwaye ndiyakholwa, ukuba ndiyaphila kwaye futhi ndisengajikeleza kakuhle njengoko ndisenako ngoku, xa ndinekhulu, ukuba ndi. . . ukuba uYesu angalibazisa kangako, ndiyakuba kwisimo esingcono ngoko kunokuba ndinjalo ngoku, ukuze ndihambe. Yabona? Ngokuba, wazi ngakumbi ngayo, wazi ngakumbi malunga nomawukwenze, nendlela yokuyilawula, indlela yokulawula imeko.

63 Thatha abantu abaninzi ngoku, ukuba bazakutyandwa. “Bathi ugqirha omtsha usandula kuthweswa isidanga ngenye

imini, kwaye usandula kuphuma kwisikolo samayeza. Akazange enze tyando okwakalokunje. Makalwenze.”

⁶⁴ “Owu, hayi,” ubuyakuthi, “kungenziwa nto. Hayi la mfo. Hayi, mhlekazi. Okwakalokunje, hayi, ngenene. Andifuni yena afake imela kum. Kuhle, ndingakhetha ukuhla apha ndifumane *uZbani-bani*. Ndivile ube unamatyando amaninzi. Uyazi yenziwa njani.” Nantso ke, yabona. Leyo yimbono.

⁶⁵ Ucinga malunga noku, kodwa kwakutheni malunga naphi nalamphefumlo? Ndifuna umntu othile owaziyo apho akhoyo, kwaye oyaziyo indlela; okhe wayihamba. Ewe, ngenene.

⁶⁶ INkosi inisikelele. Kulungile, Mzalwana uNeville, yiza apha ngoku. Kwaye uThixo asikelele uMzalwana uNeville. Ungalibali ngoku, kwiCawa elandelayo.

⁶⁷ [UMzalwana uNeville uthetha malunga noMzalwana uBranham noMzalwana uVayle umzuzu omnye, aze athi, “Kwaye ndiyavuya ukwamkela abalungiseleli bakaThixo, ingakumbi abasebenzisana ngokumanyeneyo naLe, kwaye bakuYo ngokumanyeneyo nathi. Ndiyavuya ukuva kubo.”—Mhl.] Amen. [“Ke ndicele uGqirha Lee Vayle, ndathi, ‘Ungalungiselela ukuba uMzalwana uBranham akalungiseleli?’ Kwaye uMzalwana uBranham akenzanga. Usenokuba ukwazile oku.”]

Hayi, Andenzanga. Bendingayi nkqu kuthetha nakade kangakaya.

⁶⁸ [UMzalwana uNeville uthi, “Ke ndicele uMzalwana uVayle, ngobubusuku, ukuba uyakulungiselela kuthi, xa kunokwenzeka uMzalwana uBranham angenzi. Ngokuba unyanyene naye emihlanganweni, kwaye uyazi malunga neNdlela, le Ndlela. Kwaye siyavuya ukuba noMzalwana uVayle. Ndiyamthakazelela kwaye ndiyamhlonipha njengoko ndisenza nakwabaphi abanye abalungiseleli, kwaye ngohlobo ndisenza ukbo bonke abanye. Kwaye ke ukuba uyakuza ngobubusuku athethe kuthi, ndiyakuvuya ukumenza akwenze oko.”—Mhl.] Amen. [“UTHixo anisikelele, masithandaze ngoMzalwana uVayle. Abanye benu zange bamve, kwaye ndiyathemba niyakumthandazela.”] Ewe.

⁶⁹ Bendingafanelanga ndithathe lonke ixesha lakhe. Ndiyaxolisa kwisihlewele. Bendingazi, ndihleli phaya, ukuba yena...oku kulungisiwe. UThixo akusikelele, Mzalwana uVayle.

⁷⁰ [UMzalwana uVayle uthi, “Ibingalungiswanga. Uthe, ukuba ‘ubungathethanga.’ Kwaye uzile.” UMzalwana uBranham nebandla bayahleka—Mhl.] Kuhle. Oko kulungile.

⁷¹ Ndiyakumva, ngokwam. UMzalwana uVayle uthethile amaxesha amaninzi ngaphambi kwam, emihlanganweni, na—nanjalo njalo. Ulawule imihlangano ixesha elide, kwaye umzalwana olungileyo, wenza omkhulu umsebenzi. Kwaye

ndiqinisekile esi sihlwele sisoloko sivuya ukuva uMzalwana uVayle xa ethetha. INkosi imsikelele uMzalwana uVayle.

⁷² [UMzalwana uVayle uthetha amashumi asixhenxe emizuzu kuMarko 16:15-20 nezinye iZibhalo, esihloko: *Kutheni UMarko 16 Engasebenzanga? Kwaye Angenziwa, NgokweSibhalo, Njani Asebenze—Mhl.*]

⁷³ Okuninzi kuthethiwe de a—a—andinakho ukutsho nto ukuyenza ibe ngcono ngakumbi. Kwaye ndikholelwa ngokunyanisekileyo ukuba ibiyiNkosi esebenze oku ukwenzela uMzalwana uVayle azise lo myalezo, emva kwale ntsasa. Niyabona, ifanele isebenze ngala ndlela. Sa—samkela okuya kusuka kuThixo. Intoni, kukho izinto ezininzi ebezitsho; ndi—ndi—ndimashumi amabini eentshumayelo ezibhaliweyo apha, kokuphuma koko akutshiloyo.

⁷⁴ Bendicinga apha ngenye yencinci ingcaciso, ukungqinela oko akutshiloyo. Ngoku, sijonga kulewotshi, ukufumana ngubani ixesha. Ngaphandle kokuba isixhobo ngasinye kula wotshi siyasebenzisana, esinye nesinye, asisokuze sazi ixesha elililo. Ingaba injalo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kwaye oko kuthatha thina sonke, ngokumanyeneyo, ukuba sifuna ukubona uDontso Lwesithathu, ngokwenene yenzela uThixo into, kukusebenzisana nomnye ngamnye kuthi ngokumanyeneyo, ukuzithoba phambi koThixo nokuvuma ukungalungisi kwethu, nokuthandaza nokukholwa uThixo ngezi zinto.

⁷⁵ Ndiyakholwa ngenene ukuba oko uMzalwana uVayle akutshiloyo yiNyaniso, yokokuba uThixo akasokuze abeke uMoya Wakhe kwengengcwele, engelolungisa, engathobeliyo itempile. Hayi. Kufanele ungene nge—ngendlela yokucoca intliziyo zethu kuko bonke ubuqhophololo nobugwenxa, ukuze sibe nyulu phambi koThixo, ukuze Abe nokusebenzisa onyulu uMoya Wakhe oyiNgcwele ngathi, ukuzisa ezi zinto zenzeke. Ndi—ndicinga oko, xa nigoduka ngobubusuku, ukuba niyakufunda la Ncwadi incinci kaYuda, niyakufunda nje konke ngoku oko uMzalwana uVayle akutshiloyo. Kwaye uthe, “Ndilukhuthalele ngenyameko uKholo abalunikwayo kwaba kanye abangcwele.” Babemkile kuLo. Indlela abantu abangqiqo iqaqadekileyo, nanjalo njalo, bathi bangena baza babalukuhlela babasusa kwi—kwizinto zenene zikaThixo.

⁷⁶ Kwaye uThixo angasebenza kuphela njengoko siMvumela enze. Kwaye kubekho izinto ezininzi ezimangalisayo kakhulu, oku ndikutsho . . .

⁷⁷ Niyazi, abantu bafuna amandla, kwaye ngenene abazi yintoni amandla. Yabona, a—abazi ngenene yintoni—yintoni—yintoni ehamba nawo. I—indlela enyukayo isezantsi, okoko. Ukuba ufuna amandla, jonga ungathobeka kangakanani. Phuma nje kuko konke ukucinga kwakho kwehlabathi, uze uzithobe phambi koThixo, emva koko ufumana amandla

angaphezulu kunomntu obaleka esakhiweni sonke esenza eninzi ingxolo enkulu; yabona, ngokuba ubenakho ukuzoyisa, kwaye wazinikezela kuKristu, uyabona, ukuzithoba phambi Kwakhe. Lawo ngawona mandla.

⁷⁸ Ndibonise ibandla elithobekileyo, elithobeke ngenene, hayi e—elinekratshi; ibandla, nje elilungileyo, elithobekileyo ibandla, ndiyakubonisa ibandla elinokwamkelwa namandla kaThixo kulo. Injalo lonto. Yilonto ekuyithabathayo, intobeko, ukuzithoba phambi koThixo, sivumele uThixo asebenze nje ngathi. Akudingeki wenze ingxolo eninzi.

⁷⁹ Ngelinye ixesha, njengoko umfama wathi, waya edlelweni nenqwelo yakhe, kwaye ngalo lonke ixesha ebetha isiduli, iyadlikidleka ingxolo. Kodwa xa ebuya, ubetheka kwisiduli esinye ize ingenzi ngxolo konke konke, ngokuba ibigcwalisiwe ngezinto ezilungileyo.

⁸⁰ Ke ndicinga ukuba oku kulungile, yabona, okokuba siyagcwaliswa ngezinto ezilungileyo zikaThixo, ukuze isiqhamo sikaMoya saziwe ngathi. Njengoko ebhekiselele kakhulu kumaKorinte Okuqala i-13 phaya, kunye nendlela, yokuba, “Nokuba ndithi ndiwunikele umzimba wam ukuba utshiwe, ndibe nazo zonke ezi zinto, ndingenalo uthando; akulutho, ayindincedi lutho.” Yabona, sifuna ukwenza okuya.

⁸¹ Ngaphezu kwento zonke, yimiphefumlo yethu ngokweziqum esinoxanduva ngayo phambi koThixo. Yabona, ngu—nguwe oya eZulwini. Asikokuba ndiyaya na, okanye yena uyaya. Nguwe oyayo, yabona, kwaye wena kuqala. Kwaye kufuneka ukujonge oku uze uye ngokulungileyo phambi kweNkosi.

⁸² Kwaye ndasoloko ndifumanisa ukuba indoda ezithobileyo yindoda athi uThixo ayiphakamise. Xa uthatha umntu otyhale isifuba kwaye esazi yonke into, kwaye ungenakumxelela nto, kwaye unekratshi, kwaye—kwaye, kulungile, lowo—lowo ngumntu ongasokuze afikelele ndaweni. Kodwa uthatha la mntu uzithobileyo nohamba lungileyo.

⁸³ Bendithetha nendoda ngenye imini, eqokelela ibandla phezulu e...yaphuma kumbutho ebikuwo. Kwaye, ke, nguMzalwana uBoze, nalo elobandla ababenalo, babenalo eliya likhulu ibandla phaya ixesha elide, kwaye iNkosi insikelele. Baze abantu bafika kwindawo abafuna ukuhombisa nje ngabo bonke, kwaye bafuna ukulilahlela embuthweni. Kwaye xa bayenzayo, yaze nje...loo maKristu athobekileyo khona phaya ayengayifuni lonto. Bonke ubomi babo, babefundisiwe ngokuchasene nayo, ke bemka kuyo. Ngoku baneqela, kwaye iNkosi ibasikelele bade bangena, phezulu kwindawo enkulu ngoku kwakhona, ukwenzela ibandla ngoku elimelana malunga nesine okanye isihlanu sekhulu labantu, kwaye bayaqalisa.

⁸⁴ Kwaye beza kum, bathi, “Mzalwana uBranham,” ndihleli kanye phaya e-ofisini, i-ofisini yebandla, ngenye imini. Kwaye

wathi, omnye weenkokheli, uMzalwana uCarlson kunye nabo, bathi, “Kufanele senze ntoni?”

⁸⁵ Ndathi, “Fumanani indoda emayibe ngumalusi engabalulekanga kulo lonke ihlelo, elungileyo nje kunene, ongowekwenene, olungileyo, nothobekileyo umzalwana ophila ubomi. UThixo uyakuyihoya engenye yayo, yabona,” Ndathi, “Umalusi elungileyo oyakondla nje izimvu, kwaye athobeke kunye nezinto, uThixo uyakwenza ezinye. Ukuba niyaku. . . Hayi omkhulu owazi konke ongenayo, ozakubeka *lena* ngendlela, kwaye lena ifanele ibe *ngale* ndlela, anqunqe izinto.” Ndathi, “Ayisokuze isebenze. Kufanele nje niyifumane.”

⁸⁶ Yilonto, lonke isuntswana ebandleni kufanele lisebenzisane, kwaye kufanele ugcine indayo yakho kuyo. Ke siyabona kuxesha liphilisi esiphila kulo. Singaba kufutshane kunokuba sicinga sikuko.

⁸⁷ Ngoku, siyamthakazelela uMzalwana uVayle. Asinjalo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] INkosi ikusikelele, Mzalwana uVayle. Enkosi. Kwaye sibulela iNkosi ngokuzisa lomyalezo mkhulu kuthi ngobubusuku.

⁸⁸ Kwaye ndifumene umbhalo, kwimizuzu embalwa egqithileyo. Omnye wodade ube nento ebefuna ukuyixela, kwiphupha. Ukuba nje uyakundibhalela lona, dade, ndi—ndi. . . Umnike amaphupha abe enyaniseke ngokugqibeleleyo. Asamkeli wonke amaphupha. Hayi, hayi. Kodwa xa engawakaThixo, sifuna ukwazi nguThixo ethetha nathi.

⁸⁹ Njengento yonke ithetha iilwimi, asiyikholelwa; kodwa xa kukho utoliko oluzayo olusixelela into ethile ezakwenzeka, siyibone isenzeka, emva koko sibulela iNkosi ngayo. Yabona?

⁹⁰ Sifuna ukuyigcina ibaleka kakuhle, kamnandi, kwaye ngokocwangco lweNkosi. Ke khumbulani nje, okokuba indawo yakho ingaba sisipringi esingundoqo, okanye ingabe sesincinci, esithile isandla esincinci, okanye indawo encinci, okanye isiqu sokujikelezisa, nantoni enokuba yiyo, okanye ingaba zizandla ebusweni bewotshi, ezixela ixesha. Kodwa nantoni eyiyo, isithabathela sonke ekusebenzeni ngokumanyeneyo kwimvisiswano ngeVangeli kaYesu Kristu, ekukwenzeni oko kwenzeke.

⁹¹ Cinga nje! Ukuba izibabalo zikhulu kangako, oko sikubiza amandla; kwaye uPawulos wathi, “Nokuba ndinokholo endinokususa intaba, ndingenalo uthando, andinto yanto.” Cinga ngalonto.

⁹² Nakubeni sithi, “Kuhle, nakubeni ndi—ndiyazi. . . Ndingwenela ndiyazile iBhayibhile.”

⁹³ “Nakubeni ndiqonda zonke iimfihlelo zikaThixo,” yabona, “kwaye nakubeni ndingayenza ndingenalo uthando, andinto

yanto,” yabona, “andikafiki ndawo okwangoku.” Yabona, eyona nto lulo, uthando lukaThixo, kwaye uzithobe ngako oko.

⁹⁴ Ngoku, ngokuqinisekileyo, emva kwayo yonke le minyaka endimeni nasekujikelezeni ihlabathi, nokuba abantu abahlukileyo, ndifanele ndazi kancikane malunga nesango lokungena kuyo. Kwaye ukuba ufuna ukufika ndaweni ithile noThixo, ungaze uvumele umoya wekratshi uze kuwe. Ungavumeli ulunya lungene. Akukhathaliseki nokuba omnye umntu wenzani, ukuba abalungisanga, ungaze wakhe uchuku ngokuchasene nalamntu. Yabona? Yiba mnandi unobubele. Khumbula, uThixo wakuthanda xa wawusesonweni. Kwaye ukuba uMoya kaThixo ukuwe, uyamthanda omnye umntu xa engalungisanga. Yabona, bathandazele nje, nize nithandane.

⁹⁵ Ngaphezu kwento zonke, thandani uThixo kwaye nithandane. Kwaye nithobeke kuThixo naphakathi komnye nomnye, kwaye uThixo uyakunisikelela, kwaye kunzima ukuchaza Ayakwenza. Kuqhelekile xa ibandla liqalisa ukukhula ngamanani liqalise ukuba likhulwana, okanye into enjalo, ke ngoko liyemka kula nto yenene, eyona nto yenene.

⁹⁶ Niyazi yintoni eyenza ezi zinto zenzeke, xa ndaqalisayo kwaye iNkosi yabonakala kum ezantsi emlanjeni yaze yandixelela oko? Kwaye uMzalwana uVayle wakubona oko, yandiyakholwa, kwiphepha eCanada, kwiminyaka emininzi eyagqithayo, apho laa Ngelosi yeNkosi yabonakalayo emlanjeni ezantsi phaya, yayikwi Associated Press, “Ukukhanya Okusisimanga phezu komlungiseleli wasekuhlaleni, ngelixa ebhaptiza.” Kwaye—kwaye niyazi yintoni eyakwenzayo okuya? Xa sasinomhlangano wentente nje ekunqumleni istrato, intente eyayihlalisa malunga, owu, amashumi amabini anesihlanu amakhulu abantu, abalungiseleli bevela ndaweni zonke, baze bathi, “Mzalwana, yiza apha umzuzu.” Ndiyayinkwenkwe nje, ngohlobo, owu, nje intwana. Kwaye wathi, “Ubagcina njani aba bantu bemxhelo mnye? Bayathandana de... Andizange ndibabone abantu bethandana.”

⁹⁷ Leyo yiNkosi. Yilonto eli bandla elasekelwa kuyo, oluya lobuthixo, uthando lobuzalwana omnye komnye. Ndibabonile nkqu bexhawula izandla omnye komnye, beshiya indawo, baze balile njengeentsana, ukushiya omnye. Babethandana kakuhle kangako. Kwaye ndandingaya endlwini yabo ukubatyelela, kwaye ngamaxesha iBhayibhile ilele ivulekile kwaye inamachaphaza eenyembezi. Ndingene, ngexesha lasebusuku, apho ootata noomama behlanganisene, kwaye abantwana babo abancinci behleli phantsi, beguqile; kwaye ootata noomama besemadolweni, belila bethandaza. Bendiyakuma emnyango ndilinde kwaye ndilinde kwaye ndilinde. Kwaye bengayeki ukuthandaza, kwaye bendiyakusuka ndihlale ezistepsini ndiqalise ukuthandaza, ngokwam, ndilinde bona, yabona. Kwaye oko—oko yayikuko. Kwaye babethandana omnye nomnye.

Babethandana omnye nomnye. Sasiqhele ukuma sicule la ngoma indala:

Lisikelelekile iqhina elibophayo
 Iintliziyo zethu kuthando lobuKristu;
 Ubudlelwana bengcina zobuzalwane
 Bunje ngobuya bangaSentla.

Xa sisahlukana,
 Kusinika intlungu ngaphakathi;
 Kodwa siyakudityaniswa futhi entliziyweni,
 Kwaye sithemba ukudibana kwakhona.

⁹⁸ Ndikutsho oku ngovuyo olukhulu entliziyweni yam, kuKristu. Abaninzi babo balele apha kula mangcwaba aphawuliweyo ngobubusuku, belinde oluya lukhulu uvuko apho siyakuhlangana kwakhona.

⁹⁹ Ningaze nimvumele la moya umke kule ndawo! Ukuba ingaze yenzeke, ngoko andikhathali angabe uliciko ngakanani umalusi wenu, indlela angalizisa ngayo kakuhle iLizwi likaThixo, uMoya kaThixo uviswa ubuhlungu umke. Yabona? Xa sinokubanazo zonke izinto ebudlelwaneni, kubunye, kwaye nithandanane omnye nomnye, ngoko uThixo uyakusebenza ngathi.

¹⁰⁰ Kwaye silugcinile ixesha, okokuba abantu bayeza baze bathi, “Ukuba ufuna ukubona ibandla elithobeke ngenene, ibandla elimthanda ngenene uThixo, fika phezulu phaya emnqubeni ngelinye ixesha ubabukele. Jonga inkathalelo abanayo omnye komnye, imbeko; xa iVangeli ishunyayelwe, indlela yokuhlonela, indlela yonke into ekucwango.” Ewe, ngoko banokujonga baze babone leliphi ixesha esiphila kulo. Niyakubona uMoya kaThixo usebenza phakathi kwenu, imiqondiso emikhulu nezimanga nezinto ziyakube zisenzeka. Ukuba into iyasebenzisana, ixela ixesha. Kodwa ukuba ayisebenzi, ngoko ixesha liyema, ayisokuze ixele ixesha kwakhona. Ke ukuba sifuna ukwazi ixesha esiphila kulo, nje wonke umntu makaqalise asebenzisane eVangelini, ukuthandana omnye nomnye, ukuthanda uThixo, nezandla nazo ziyakuxela ixesha esiphila kulo. Niyayikholelwa lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngokuqinisekileyo. Amen. INkosi inisikelele, ngokutyebileyo ngenene.

¹⁰¹ Sanukulibala ngoku, hlanganani ngale veki. Kwaye ukuba nazi nabaphi abantu abagulayo abazayo, baxeleleni, xa besiza, yithi, “Sthandwa, ndifuna ukubuza. Sinomthandazo ngabagulayo, kusasa ngeCawa, ngaphaya emnqubeni. Kwaye wena ekubeni ugula ithuba elide, ngoku ndifuna . . .”

“Kuhle, ndifuna ukuya. Bendisoloko ndifuna ukuya.”

¹⁰² “Ngoku, ndive nje umyalezo ebusuku ngeCawa, usuka kumzalwana phaya, wokuba kufuneka sihlambulule njani amatyala ethu omnye komnye, kwaye sithandazelane, ukuze

sibe nokuphiliswa. Yakobi 5:14, 13, 14, 15, yabona, ukuba sihlambulule amatyala ethu omnye komnye phambi kokuba size kwa ukuzela impiliso. Ehe. Sihlambulule amatyala ethu omnye komnye, kwaye sithandazelane.” Yabona? Yabona, oko koko nje ngqo abethetha malunga nako ngobubusuku, ukubuyisela imfundiso yasentabeni kunye noMarko 16. Hlanganisa oko kunye, uyifumene, emva koko impiliso iyenzeka.

¹⁰³ Jonga kuYesu, akukho nto kuphela yintlanganisela yothando. Yabona? WayenguThixo ebonakalisiwe. Yena, uThixo, wazibonakalisa Yena ngaYe, akumangalisi imimangaliso nezinto zenzeka. Ubomi Bakhe obuthobekileyo, nobungcwalisekileyo ubomi; ekusukeni ekubeni nguThixo, ukuya kuba ngumntu apha emhlabeni, ukuveza uThixo ngaYe. Yilonto eyamenza Yena oko waYe ekuko. Ndasoloko ndisithi, “Yintoni eyamenza uYesu uThixo, kum, yayiyindlela awaZithoba ngaYo. Wayemkhulu kangako, kodwa noko wayenako ukuba mncinci kangako.” Yabona? Injalo lonto.

¹⁰⁴ INkosi inisikelele ngokulunge ngenene. Ngoku masiphakameni, kwaye ukwenzela ukuchithakala. Masizameni nje oko, (ungangayazi, dade), okokuba, *Lisikelelwe Iqhina Elibophayo*. Masikucule oko ixesha libe linye, ningayenza? Sinike isikhokelo-sandi.

Lisikelelekile iqhina elibophayo
Intliziyi zethu kuthando lobuKristu;
Ubudlelwana bengcinga zobuzalwane
Bunje ngobuya bangaSentla.

¹⁰⁵ Ngoku, ngelixa sricula lomqolo wokugqibela, masibambe isandla somnye nomnye, “*xa sisahlukana*,” kwaye nje uthi, “UThixo akusikelele, mzalwana, dade. Ndivuya kakhulu ukuba lapha kunye nani ngobubusuku.” Yabona, into ethile enjalo, ngoko ujike ngasemva ngoko. Ngoku masiyicule.

Xa sisahlukana . . .

UThixo akusikelele, Mzalwana uNeville!

Kusinika intlungu ngaphakathi;
Kodwa siyakudityaniswa futhi entliziyweni,
Kwaye sithemba ukudibana kwakhona.

¹⁰⁶ Indlela esiyithanda ngayo iNkosi uYesu! Asinjalo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kanjani . . .

Side sihlangane!
Side sihlangane ezinyaweni zikaYesu; (side
sihlangane!)
Side sihlangane! Side sihlangane!
UThixo abe nani side sihlangane kwakhona!

Masivale amehlo ethu, size nje sicule oko eMoyeni ngoku.

Side sihlangane! side sihlangane!
 Side sihlangane ezinyaweni zikaYesu;
 Side sihlangane! side sihlangane!
 UThixo abe nani side sihlangane kwakhona!

¹⁰⁷ Ngoku ngeentloko zethu ziqutyudiwe. Singabantwana nje, abantwana bakaThixo. Masiyingqumshela. [UMzalwana uBranham nebandla baqalisa ukungqumshela, *UThixo Abe Nawe—Mhl.*] Owu, indlela oko kuzisa ngayo uMoya kaThixo kuthi! Ungayicinga imihla yamandulo xa bahlala kumacwecwe amatye?

UThixo abe nani side sihlangane!

¹⁰⁸ Ngeentloko zethu ziqutyudiwe, ndizakucela ukuba uMzalwana u-Allen emva phaya, umzalwana omtsha phakathi kwethu, ukuba uyakusindulula ngelizwi lomthandazo. Mzalwana u-Allen.



ZITHOBENI XHO63-0714E
(Humble Thyself)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngokuhlwa lwangeCawa, ngo-Julayi we-14, 1963, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicilelimazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2019 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org